URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Ignatius du Preez**
ICandelo loKunika iNkxaso kwiMfundo eBandakanya bonke aBafundi nakwiMfundo eneeMfuno eziZodwa
Ignatius.DuPreez@westerncape.gov.za | 021 467 2027

Inombolo yefayili: 25/1/R
Isalathiso: 20250207-447

ISetyhula: 0005/2025
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Iphulo logonyo ekujoliswe kulo ezikolweni ukuthintela ukunwenwa kwezigulo nokukhusela abafundi.*

**ISihloko: Iphulo logonyo ezikolweni**

1. Njengenxalenye yephulo i-*Human Papillomavirus (HPV) campaign*, iSebe lezeMpilo kuZwelonke *(National Department of Health*) likhuphe umyalelo wokuba izigonyo zokuncedisa ezokuqala ii-*Tetanus, Diphtheria ne-Pertussis (TDaP) vaccine boosters* mazinikwe bonke abafundi abafanelekileyo (amakhwenkwe namantombazana). Injongo yoku:

   (a) kukuphucula amanani abantwana abagonywe ngezigonyo i-*tetanus ne-diphtheria (Td)*
   (b) kukuthintela isifo sokubola komqala *(diptheria*)
   (c) kukugcina iiprogram zogonyo eziqhubekela ezikolweni; kunye
   (d) nokufaka igalelo ekupheliseni izifo zomhlathi-nkqi (*tetanus)* nokulawula isifo sokubola komqala nesokhohlokhohlo olukhulu *(pertussis*) (unkonkonko).

2. **Ishedyuli yephulo logonyo lwe-*HPV* nolwe-*TDaP* ngo-2025**

2.1 **Umjikelo 1: 03 Februwari -28 Matshi 2025**

   (a) Izigonyo zeHPV kumantombazana eBakala 5 - ngemvume yomzali.
   (b) Izigonyo ii-*TDaP catch-up shots* kubafundi abaminyaka iyi-6 ukuya kweyi-12 ubudala abaziphosayo izigonyo ii-*Td/TDaP vaccinations* zethuba elimiselweyo - ngemvume yabazali

2.2 **Umjikelo 2: 01 Agasti ukuya kwi-30 Septemba 2025**

(a) Izigonyo ii-*HPV catch-up shots* ukwenzela amantombazana afanelekileyo, abudala bungaphezu kweminyaka eyi-9, kwizikolo zikarhulumente, kwezabucala, nakwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa – ngemvume yabazali.

(b) Izigonyo ii-*TDaP booster shots* kumakhwenkwe namantombazana eBakala 5 – ngemvume yabazali.

3. **Ukuphunyezwa kwephulo logonyo**
Isigonyo i-*Td vaccine* siya kunikwa abafundi abaminyaka iyi-6 ukuya kweyi–12-ubudala, lo gama isigonyo i-*HPV vaccine*, kuya kuqhutyekwa nokugonya amantombazana eBakala 5 afanelekileyo njengenxalenye ye-*Integrated School Health Programme*.

4. Iikomiti zononophelo lwempilo zeSebe lezeMpilo *(Department of Health and Wellness (*DOHW)) healthcare teams) ziya kubagonya abafundi ezikolweni. Imvume yabazali iyimfuneko, yaye izikolo mazizihambise yaye ziziqokelele iifom zemvume ezisayiniweyo phambi kwemihla yogonyo. Kukhuthazwa izikolo zizisebenzise yaye zizihambise iiphamflethi ze-Sebe i-*DOHW* ezingeenzuzo zezigonyo nokhuseleko *(eziqhotyoshelwe njengeziHlomelo* ***Annexure A*** *no-****Annexure B*** nezifumaneka ngesiNgesi, ngesi-Afrikansi nesiXhosa).

5. Makuqhagamshelwane nomphathi weprogram yezonyango wephondo *(clinical programme manager*), uMandy Weits, apha: Mandy.Weits@westerncape.gov.za ukuba kukho imibuzo nokuba yeyiphi na.

6. Kucelwa nazise okuqulethwe yile setyhula bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2025-02-24